

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



Oojongilanga neembotyi zesoya: Lubalulekile ucwangciselwa Iwangaphambili Iwexesha lokulima elilandelayo

AKUZANGE KWABA PHAMBI KWEXESHA KAKHULU UKUQUALISA NOCWANGCISELO LWESITYALO SEXESHA LOKULIMA ELILANDELAYO. KUBALULEKILE UKUBALA UKUBA INGABA KUZA KUFUNEKKA MALINI FUTHI NINI. INKQUBO ELANDELWAYO YOKULINYWA KOOJONGILANGA OKANYE IIMBOTYI ZESOYA IYA KWALATHA UKUBA ZEZIPHI FUTHI ZINGAKANANI IIMVELISO ZAMALUNGISELELO EZIFUNEKAYO.

Ucwangciselwa Iwexesha lokulima elilandelayo lufanele ukuqualisa ngesakhono samasimi ahluka-hlukileyo kuquka imisebenzi yonyaka esikuwo esebeenzileyo nengasebenzanga kakuhle. Intsimi nganye idinga ukucwangciselwa ngokwesityalo nangokwesakhono ngokunjalo nangento ebilinywe entsimini. Kucwangciselwa bandakanya izithintelo zekhemikhali zokhula. Khumbula ukuquka iziphumo zokujikeleziswa kwezityalo, umzeloko izivuno zombona eziphezulu emva kweembotyi zesoya.

Pietman Botha, umbhalikiwiPula Imvula. Thumela i-imeyiliapha, pietmanbotha@gmail.com





Oojongilanga neembotyi zesoya...

linkxasomali zokulimela unyaka olandelayo wokulima mazibe khona ngeJulayi walo nyaka. Kufuneka kubekho iinkxasomali zokuthathwa kweesampulu zomhlaba, ukulungiswa komhlaba, ukuutshatyalalisa kokhula lwasebusika ngokunjalo nazo zonke ezinye iimveliso zamalungiselelo ezidingekeyo. Kubalulekile ukuqonda ukuba ukulungiswa komhlaba kuya kuba nesiphumo ekulinyweli kwesiyalo esilandelayo. Qiniseka ukuba xa kufakwa ikalika, ayisayi kuba nesiphumo esingafunekyo kwisityalo esisakhulayo.

IINDLEKO ZEEMVELISO ZAMALUNGISELELO

Kukho izithethe zokubalwa kweendleko zeemveliso zamalungiselelo ezidingekeyo.

Imbewu: Kulula ukufumanisa iindleko zikajongilanga neseembotyi zesoya. Oojongilanga bangalinywa ngamanani esityalo aphakathi kwama-30 000 nama-45 000 ezityalo ngehektare, kodwa zidibanise nommeli wakho wembewu. Ngoncedo lwabo umhlanganisela otyaliweyo, amanani esityalo ngehektare kune neendleko anokufumaniseka. Malunga nesoya, gqalisela kumanani esityalo aphakathi kwama-250 000 ukuya kuma-500 000 ezityalo ngehektare nesivuno esisona siphezulu esimalunga nama-400 000 ezityalo zesakhono esiphezulu nezifumana imvula eyaneleyo.

Isichumiso: Kuthande ukuba nzima noko ukubala iindleko zesichumiso kodwa kuyenzeka. Umbutho weziChumiso zeAfrika eseMzantsi (Fertiliser Association of Southern Africa) uwapapasha rhoqo amanani okurhoxisa isichumiso ngesityalo ngasinye. Jonga **iTheyibile 2** (kwiphepha lesi-5) malunga nokuphuma kwezondlo zesityalo ezahluka-hlukileyo. Iimfuno zezondlo zezityalo (ikhilogram ngehektare) malunga noojongilanga kuhlobo lomhlaba oluvunduvunu onesanti nonodongwe olungange 15% ukuya kuma 20% ziboniswe **kwiTheyibile 3** (kwiphepha lesi-5). Malunga nezi nkucukacha zidibanise nommeli wakho ngezichumiso nibale isichumile esidingekeyo ngokunjalo neendleko. linkcukacha eziginiwego ezinezona zamva zeessampulu zomhlaba nazo ziya kunceda kakhulu kanti isibalo esiphantse ukuchaneka sinakho ukwenziwa.

Ikhemikhali yokhula neyezinambuzane: Inkubo yakho yekhemikhali yokhula neyezinambuzane iya kwahluka ngokohlobo olulinyiweyo lukajongilanga okanye lweembotyi zesoya. Ukuba kulinywe umhlanganisela weClearfield Plus inkubo iya kwahluka kweyomhlanganisela wesiqhelo. Wakuba ukhethiwe umhlanganisela oza kulinywa, ummeli wakho wekhemikhali yokhula makatyelele intsimi yakho aze ngolwazi lwakhe enze isigqibo ngenkqubo yekhemikhali yokhula neyezinambuzane. Ngoncedo lwakhe uya ku-kwazi ukuba nolwazi olufanelekileyo malunga neendleko zenqubo. Nokuba sesiphi isityalo, inkubo yekhemikhali yokhula ifanele ukuthintela ukuntshula kokhula njengoko luya kuba nefuthe elingafunekyo entsimini yakho.

Idizili nomsebenzi wokukhanda: Idizili nomsebenzi wokukhanda zingabala ngokuchanekileyo nazo noko. Ngokomthetho oncomekayo malunga nemisebenzi yokulima kwestiqhelo kuya kusetyenziswa ilitha ezingama-75 zedizili. Sebenzisa ixabiso langoku lamafutha okubaselha ukuze usondele kwiindleko zenene. Kusoloko kukho unxulumano phakathi kweendleko zedizili, ukukhanda neendleko zokulungisa. Ukuba wongeza i 10% kwindleko zakho zamafutha okubaselha zifanele ukusondela kwiindleko zokukhanda nezokulungisa ezidingekeyo. Ezinye iindleko ezifana nezokuzikhusela nezeinshorensi yemisebenzi yekhontraktha nazo mazidityaniswe.

Umahluko phakathi kwengeniso kune neendleko ezabelwa ngokungqalileyo ngumda opheleleyo wesityalo. **iTheyibile 1** ibonisa umda opheleleyo olindelekileyo malunga nohlahlomali lukajongilanga nesityalo sombona kwizivuno ezahluka-hlukileyo zeenginqi zemveliso eisentshona nasempuma. Abalimi banokuyisebenza njengomzekelo wokubala iindleko zabo zombona, zeembotyi zesoya noojongilanga kune nomda opheleleyo wezityalo. Khumbula ukuba xa umda opheleleyo unganiki themba, akunakufane kwenzeke ukuba isityalo sibe nenzuso. Phengulula iindleko uze wenze uhlengahlengiso.

AMAZWI AVELA... kuJohan Kriel

NGOMHLA WAMA-26 KUMATSHI NGO-2020 KWENZEKA UTSHINTSHO OLUKHULUKAZI EBOMINI BABANTU BONKE BASEMZANTS AFRIKA XA KWAKUFIIKA ISIBETHO SECVID-19. NGEPEHANYAZO KWABHENGEZWA UMLELANDLWINI – ASAKWAZI UKUHAMBA-HAMBA NGOKUKHULEKA, UKUBA NENXAXHEBA KWINTLALO OKANYE UKUSEBENZA EZIOFISINI. KWAVALWA IZIKOLO KWANZIMA UKUBA ABAFUNDI BABESEZIKOLWENI.

Sinyanzeleke ukufunda ukunxiba iimaski, ukuhlamba izandla zethu nokuzicoca ngesanithayiza rhoqo. Kwarhoxiswa uhambo ngeenqwelomoya iintsapho zazimela zodwa kude kwezinye. Ububona abantu bekraqaqlana xa uye kuthenga impahla ebalulekileyo kugcino-mpilo yegrosari evenkileni. Ukuba uzibhaqe sowuthimla okanye uthintitha umqala wakho, abantu bebechasesa kuwe.

Kweli xesha, abalimi nabo batsale nzima. Umsebenzi wasefama ubufanele ukuqhutywa, kuba umsebenzi awuzange wema. Ngethamsanqa, ulimo Iwaphawulwa njengenkonzo ebalulekileyo kugcino-mpilo, kuba ulimo leliney lamashishini abaluleke kakhulu kweli lizwe. Ngaphandle kwalo, singajongana nezi ngxaki zilandelayo: lishelfu zeevenkile ezingenakutya – ukungabikhо kweziqhamo nemifuno emitsha. Akukho mntu obeya kuthenga inyama yegusha, eyehagu okanye eyenkuku. Uludwe Iwezityo zesidlo sakusasa belungasayi kuba nebheyikhoni namaqanda kungabikhо *kwapapa*. Njengesiphumo akukho komityi yeti okanye yekofu eyayiza kuba sesithebeni.

Akukho mntu unokuphila ngaphandle kokutya, futhi abantu abalambyelo ngabantu abanomsindo. Ulimo lubaluleke kakhulu ekuphileni kwelizwe. EMzantsi Afrika, ababoneleli bokutya baphambil. Ngokungathi imbalela neepateni zemozulu ezahluka-hlukileyo asizongxaki zaneleyo, abalimi bayoyikiswa futhi babulawa kwiifama (kwiifektri zokutya) yonke imihila. Ukubiwa kwemfuyo kwenza ukuba abalimi abaninzi boyiswe. Utshintsho kuLawulo loMhlaba sekusuke kwangumlalo kwezelpolitiki – akukho ngcinga malunga nento enokwenzeka xa lungacwangciselwa ngokuqaphela futhi lungaqhutywa kakuhle olu tshintsho.

Khumbuza abantu abakupuphi kuwe ukuba kuvela phi ukuya okusezipleystini zabo nokusezishelfini ezivenkileni. Usapho maluthandazele bonke abalimi nabasebenzi basezfama kune – ukuze naxa kukho imingeni – basoloko beqinisekisa ubukho bokutya etafileni.

Ukuze kuqinisekiswe ubukho bokutya okwaneleyo eMzantsi Afrika, abalimi mababambane ngezandla kune baze batsale wonke umntu ukuba aphumelele. ■

	Ummandla waseNtshona					
	Umbona weBt			Ujongilanga		
	R3 200		R2 946		R7 746	
Isikhokelo samaxabiso omlimi osemhlabeni owomileyo	3,0	4,0	4,5	1,25	1,50	1,75
Ixabiso elingumyinge leSafex (iiRandi ngetoni), kuJulayi ngo-2021 (umbona)/kuMatshi 2021 (oojogilanga)	R8 838,06	R11 784,08	R13 257,09	R9 682,53	R11 619,03	R13 555,54
Amaxabiso angoku asesangweni lefama awona mgangatho uphezulu (iiRandi ngetoni), iindleko zeentengiso zeSafex	R980,44	R980,44	R1 089,38	R502,71	R502,71	R502,71
Izbuno eziqikelelwayo (iitoni ngehektare)	R1 586,60	R2 115,47	R2 379,91	R987,00	R1 153,11	R1 243,58
Ixabiso lemveliso elipheleleyo (iiRandi/ngehektare)	R176,49	R176,49	R176,49	R176,49	R176,49	R176,49
Ikbewu	R1 066,65	R1 106,42	R1 126,31	R892,36	R906,06	R919,75
Isichumiso	R727,83	R735,71	R739,64	R625,82	R627,79	R629,76
Ikakika	R727,83	R735,71	R739,64	R625,82	R627,79	R629,76
Amafutha okubasela	R935,51	R935,51	R935,51	R197,60	R197,60	R197,60
Imbuyekezo	R405,47	R405,47	R405,47	R48,83	R48,83	R48,83
Ikhemikhali yokubulala ukhula	R346,30	R461,74	R519,45	R142,75	R171,30	R199,85
Ulawulo Iwezinambuzane ezonakalisayo	R634,11	R706,06	R753,18	R229,45	R244,17	R254,28
I-inshorensi yeemveliso zamalungiselelo	R570,00	R570,00	R570,00	R470,00	R470,00	R470,00
Ukhuselo Iwangaphambili Iwelahleko yeenkozo	R79,93	R106,58	R119,90	R145,03	R174,04	R203,04
Ukutshiza isityalo ngesixhobo esiphezulu emoyeni	-	-	-	-	-	-
Abasebenzi bamaxesha athile	-	-	-	-	-	-
Inzala ngemveliso (iiRandi ngehektare)	R369,09	R410,97	R438,40	R209,90	R223,37	R232,62
Iindleko ezipheleleyo ezingafaniyo ezabelwe ngokungqalileyo	R7 878,42	R8 710,85	R9 253,63	R4 627,94	R4 895,47	R5 078,51
IMIDA ngehektare phambi kwentengiso neendleko zokuqhuba umsebenzi (iiRandi ngehektare)	R959,64	R3 073,23	R4 003,46	R5 054,59	R6 723,56	R8 477,02

	Ummandla waseMpuma					
	Bt Maize Umbona weBt			Limbotyi zesoya		
	R3 200		R2 904		R7 740	
Isikhokelo samaxabiso omlimi osemhlabeni owomileyo	4,5	6,0	7,0	1,75	2,00	2,50
Ixabiso elingumyinge leSafex (iiRandi ngetoni), kuJulayi ngo-2021 (umbona)/kuMatshi 2021 (oojogilanga)	R13 068,90	R17 425,20	R20 329,40	R13 544,69	R15 479,64	R19 349,55
Amaxabiso angoku asesangweni lefama awona mgangatho uphezulu (iiRandi ngetoni), iindleko zeentengiso zeSafex	R1 828,57	R2 351,01	R2 873,46	R1 155,96	R1 155,96	R1 155,96
Izbuno eziqikelelwayo (iitoni ngehektare)	R2 550,03	R3 361,89	R3 903,13	R2 100,98	R2 364,21	R2 364,21
Ixabiso lemveliso elipheleleyo (iiRandi/ngehektare)	R233,50	R233,50	R233,50	-	-	-
Ikakika	R935,69	R995,35	R1 027,62	R836,60	R850,30	R870,18
Amafutha okubasela	R743,37	R755,77	R764,03	R559,50	R561,57	R565,70
Imbuyekezo	R1 457,49	R1 457,49	R1 457,49	R1 323,87	R1 323,87	R1 323,87
Ikhemikhali yokubulala ukhula	R889,64	R889,64	R889,64	R372,72	R372,72	R372,72
Ulawulo Iwezinambuzane ezonakalisayo	R227,42	R303,23	R353,77	R223,94	R255,94	R319,92
I-inshorensi yeemveliso zamalungiselelo	R741,94	R872,03	R972,27	R275,36	R289,99	R298,47
Ukhuselo Iwangaphambili Iwelahleko yeenkozo	R570,00	R570,00	R570,00	R680,00	R680,00	R680,00
Ukuvuna ngeekhontraktha	R438,01	R584,02	R681,35	R432,29	R494,04	R617,55
I-inshorensi yesityalo	-	-	-	-	-	-
Ukutshiza isityalo ngesixhobo esiphezulu emoyeni	-	-	-	-	-	-
Abasebenzi bamaxesha athile	-	-	-	-	-	-
Inzala ngemveliso (iiRandi ngehektare)	R534,76	R628,52	R700,78	R386,64	R407,18	R419,10
Iindleko ezipheleleyo ezingafaniyo ezabelwe ngokungqalileyo	R11 150,42	R13 002,44	R14 427,04	R8 347,86	R8 755,77	R8 987,68
IMIDA ngehektare phambi kwentengiso neendleko zokuqhuba umsebenzi (iiRandi ngehektare)	R1 918,48	R4 422,76	R5 902,36	R5 196,82	R6 723,87	R10 361,87

Ishishini lakho lidinga IZIGQIBO EZILUNGILEYO

ZIGQIBO ZIYINXALENYE YOBOMI BETHU BEMIHLA NGEMIHLA. ABALIMI BASOLOKO BEJONGANA NEMIBANDELA EDINGA UKWENZIWA KWESIQIBO. UKWENZIWA KWEZIGQIBO KUBHEKISELELE KWIIMEKO ZOKUKHETHA PHAKATHI KWEENDLELA EZINOKUKHETHWA ZAMANYATHELO, NEZINOKUQUKA NKQU NOKUNGATHATHWA KWAMANYATHELO.

Malunga noshishino ukwenziwa kweziggibo ngomnye wemisebenzi yolawulo oqinisekisa le miba yolawulo, ukwenza ucwangcisel, ulungiselelo, impumezo nokongamela. Wonke umntu ufuna ukufumana inzuzo enozinzo kanti amanyathelo anefuthe kwimpumelelo yeshishini lethu. Ngoko ke, zonke izigqibo ziya kuba nefuthe kwimpumelelo yeshishini lethu.

INYATHELO EMVA KWELINYE

Ukusebenzisa umgaqo wenyathelo emva kwelinye kungakunceda kwinkqubo yakho yokwenza izigqibo. Lo mgaqo ungasetyenziswa kwezona ziggibo ekulula ukuzenza okanye kwezona zinobugocigoci. Wandisa amathuba okuba wenze esona sigqibo sakhayo.

1. Chonga ingxaki/umngeni/ithuba wandule ukuyiqulunqa okanye ukuyichaza kakuhle. Ingxaki echazwe ngobuchule, yingxaki ese-siphakathini sokusombuleka. Fumanisa zonke iinyaniso ezinxulmene nombandela lowo ukuze usonjululwe ngokuchanekileyo. Kubalulekile ukuwubona umahluko phakathi kweengxaki 'ezincinan' 'nezinkulu'. Kumaxesha amarinzi, ixesha namandla amarinzi achithelwa kwimizamo yokusombulula iingxaki ezincinane ezinge-nafuthe likhulu enyanisweni kwimigqaliselo yoshishino lokufama.

2. Qokelela iinkcukacha. Qokelela iinkcukacha ezigciniwego ezinoxulumano ezininzi kangangoko, iinkcukacha, izimvo kune neengqwalaselero ezinokufumaneka emsebenzini wokusombulula iingxaki. Ukuba zininzi iinkcukacha, uya kuba uxhobe ngokuthe kratyekubeni wenze isiggibo esilungileyo.

3. Phuhlisa izisombululo ekunokukhethwa kuzo. Sebenzisa iinkcukacha ezinoxulumano ukuze kupuhlele izisombululo ezahlukileyo onokukhethwa kuzo. Vula ingqondo yakho ungazivalei emisebenzini ethile yesiqhelo. Yikhulule ingcingane yakho naxa

Marius Greyling, Umbhali kwipula Imvula Thumela i-imeyili apha
mariusg@mcgacc.co.za



uluvo oluthile lubonakala lungenakusebenza, nokuba alwamkeleki kuwe. Uze ungalulahli uluvo ungenzanga phando ngocose-lelo. Abaphathi abaninzi baphakamise izisombululo eziponisa ubulumko kuba zange bayekelele ngenxa kwinto ebibonakala ngathi ayinakwenzeka ngelo xesha. Omnye umba obalulekileyo kukuxoxa nabanye abantu ngamanye amanyathelo onokukhetha kuwo ukuze ufumane izimvo zabo. Nali icebiso elisebenzayo: Yiba soloko use-nza ilinge lokupuhuhlisa izisombululo ezithathu obona buncinane onokukhetha kuzo.

4. Thelekisa imigaqo ekunokukhethwa kuyo. Cinga ngokuqaphela ngezinto ezilungileyo nezingalunganga malunga nesisombululo ngasinye esinokukhethwa – futhi yiba soloko ukhumbula uhlahlo-mali lwakho.

5. Yenza isiggibo. Oku kukukhetha ngamabom phakathi kwemigaqo enokukhethwa. Kwiziganeko ezininzi eli lelona nyathelo linzima kwinkqubo yokwenza isiggibo kuba ukukhetha elona nyathelo lilungileyo akusoloko kubonakala kulula. Ngaphaya koko, izigqibo ezininzi zinefuthe kwixesha elizayo, futhe elo linemingcipheko yalo.

6. Phumeza okanye thatha inyathelo malunga nesiggibo. Umgaqo ongowona ufanelekileyo awunakuzala siphumo sinqwenelekayo xa ungaphunyezwa ngokusebenzisa abantu nezinye izinto eziluncedo eziphathetekayo. Usebenzise ixesha namandla ekwenzeni isiggibo, kungani ungasiphumezi ke?

7. Vavanya impumezo. Ingaba iphumelele na? Ingaba ngekwenzewe ngenye indlela? Impumezo mayihlalutywe kwibanga lempumezo nasemva kokuba kuqosheliswe inyathelo. Kaninzi abaphathi abaligqali ngokwaneleyo eli nyathelo libalulekileyo lasekuggibeleni. Lithathe futhi uhlalutyte impumezo yesiggibo sakho – indlela ekuphe-la kwayo yokufumana amava. Hlalutya inyathelo lakho ukuze wazi ukuba ingaba wenze isiggibo esilungileyo okanye esingalunganga na. Ukuba oku akwensiwa, kulahleka amathuba alahlekyo okuhle-nega-hlengisa ithuba liselihle okanye awokufunda kwimpumelelo nakwiimposiso zexesha elidlulileyo.

Ukwenza isiggibo kuphenjelelw ngamava akho, zizakhono zakho zobuchule, iziqinisekiso zemfundo/zoqeqesho zakho, izimvo zakho ngemincipheko, imali onayo nohlahlomali lwakho, ixesha lokuqwalaselero iingxaki, izinto eziluncedo ezifumanekayo, kune nobukho ngokunjalo nokuthembakala kweenkcukacha ezigciniwego. Le mibandela inakho kwaye iya kuqinisekisa ukuba uyayisebenzisa ingcingane yakho ukuze ufilelele kwisigqibo.

La manyathelo asebenza nakweyiphi imeko yokuthatha isiggibo kungakhathaliseki ukuba ingxaki/umngeni ubanzi okanye mkhulu kangakanani nkqu nokungxamiseka kwaso. Qinisekisa ukuba isiggibo ngasinye osenzayo, nokuba sikhulu kangakanani siya kuba nefuthe kwishishini lakho, ngakumbi emalini yakho.

Khumbula: Ishishini elinempumelelo lidinga ukwenziwa kweziggibo ezilungileyo emaxesheni amarinzi kangangoko. ■



Umahluo phakathi kweziggibo ezilungileyo nezingalunganga ngethuba lenkqubo yokulima ungabonwa ngokucacileyo kulo mzekelo.

NYANGA KA-APRELI LIXESHA ELIHL ELOKUHLALUTYA IMPUMELELO OKANYE IIMPOSISO ZOLAWULO OKANYE IMIBANDELA YOKUKHUPHA IMVELISO ENXULUMENE NOKULIMA KWAKHO UMBONA NGO-2020/2021. MHLAWU-MBI SEZIVUNIWE IZITYALO ZAKHO OKANYE ZIYAVUNWA NGOKU, NGOKO KE UNGENZA UHLALUTYO OLUFANA NOLWA-KUQALA LOKUPHUCULA AMALUNGISELELO AKHO OKULIMA, UKULIMA, IZIGABA ZOKUKHULA, UMISELO LWEMBEWU NEZIGABA ZOKUVUNA.

NANTSI EMINYE IMIBANDELA EBALULEKILEYO ENOKUQWALASELWA:

Ingeniso enokufumaneka kwisivuno nakwixabiso

Maize futures for July 2021 on Safex are trading around R3 400 at ton. lingqikelelo zombona ezenzelwe uJulayi ngo-2021 kwiSafex zirhweba malunga ne-R3 400 ngetoni. Oko akuukui umahluko ongumyinge Owenziwa luthutho 'ixabiso elichanekileyo' okanye 'ixabiso lepokotho' elibekwa lumanyano lwamashishini endawo yakho nelimalunga ne-R2 900 ngetoni ukuya kwi-R3 000 ngetoni. Eli liya kuba lixabiso elihle kakhulu.

Kufuneka wenze uhlalutyo lwsivuno oluqukaniselweyo. Umgaqo oneenkukacha uchazwe kuhlelo /wePula /mvula lukaSeptember ngo-2020. Fumanisa kumthengi womboma wakho ukuba angakunika liphi ixabiso. Ngokusebenza uqikelelo lwsivuno sakho nexabiso, ingeniso enokufumaneka ingasetyenziselwa isicwangciso seemveliso zamalungiselelo akho kanye neendleko zonyaka wokulima ngo-2021/2022.

Ucwangciselokulima – ukubuyela emva kwiziseko

Hlola isakhono sakho xa ulungisa amasimi akho, nokuba ukwenza oko ngokomgaqo wesiqhelo okanye wokuwuphethula kancinane umhlabwa kwo. Zibze ukuba ingaba ulime ngexesha elilungileyo ngomhlanganisela olungileyo waze wazuza amanani esityalo acwangciselweyo na. Abalulekile amanani afanelekileyo omhlanganisela ngamnye ukuze umgqaliselongoowona mncinane ngesikhwebu esinye esilungileyo nesinye esiphakathingesityalo ngasinye sikkwazi ukuvunwa. Njengomlinganiselo, amanani ezityalo angama-20 000 ngehektare nganye aphi izikhwebu zobunzima be-180 g ne-120 g ngesityalo ngasinye sinokuba nesivuno seetoni ezi-6 ngehektare nganye. Ungasithelekisa njani esityalo sakho?

URichard McPherson, umbhali kwipula Imvula. Thumela i-imeyili apha: richard@agrimetrix.co.za



Ukufakwa kwesichumiso

Xa ubusenza uqikelelo lwsityalo sakho ngoApreli okanye emva koko uvavanye isityalo sakho malunga nobunzulu bombala oluahlaza kanye naziphi iimpawu ezinokubakho zonqongophalo olukhulu lwenitrogen, isulphur, ipotassium okanye iiphosphate. Yenza isigqibo ngokuba ingaba inkqubo yakho yezechumiso ingaphuculwa na. Obona buncinane be-15 kg ukuya kuma-20 kg enitrogen, i-3 kg ukuya kwi-5 kg yephosphate (P) ngetoni yombona ifanele ukuba ifakiwe. Ngenxa yepateni yokuna kwemvula, abanye abalimi abakwazanga kufaka omnye umaleko wasecaleni owongezelwayo nenitrogen efunekeyo. Jonga ukuba ingaba ufake isichumiso esithe kratya na okanye unciphisile malunga nesityalo esilinyiweyo.

Ukutshatyaliswa kakhula nezinambuzane

Hlalutya isakhono senkubo yakho yolawulo ngoomatshini okanye ngekhemikhali.

- Ingaba iimveliso zisebenze kakuhle ekunciphiseni okanye ekutshabaliseni ukhula?
- Ingaba isakhono sesitshizi sam sikhulu ngokwaneleyo ukuba singamelana nesityalo sonyaka wemvula eninzi?
- Ingaba izinambuzane ezonakalisa izityalo ezelula nezinye ezonakalisa izikhwebu zitshatyaliswe ngokukhawuleza?

ISIPHELO

Ngaphezu kwembandela yokulima engasentla, qwalasela zonke ezinye izinto kwimveliso yakho kanye nocwangcisel lomda opheleleyo wemali ofana neinshorensi yesityalo, ukuvuna, ukuthengisa, ukukhanda nokulungisa oomatshini bakhe umlimi nababolekiweyngeliso elibukhali. Oku kuya kukunceda ngokuphcula iinjongo zocwangcisel nezolawulo ukwenzela isityalo esilandelayo. Ngolwazi oluthe vetshe, nceda yiya kumanqaku ePula angaphambili ngeenkukacha ezinobucukubhede obuthe kratya nezinikelwe ngababhalibabaninzi, ngayo nayiphi imibandela ebalulekileyo yemveliso ukuba oko kuyadingeka.

Oojongilanga neembotyi zesoya...

2

Amanani okurhoxiswa kwezondlo zezityalo zombona, oojongilanga neembotyi zesoya.

Isityalo	Ukususwa kwezondlo ngetoni nganye yesivuno (ikhilogram)					
	linkozo			Isityalo esipheleleyo (ifula/isitha sefula)		
	N	P	K	N	P	K
Umbona	15	3	4	27	4,5	20
Ujongilanga	25,8	1,9	8,5	67	7,1	96,1
Imbotyi	60	7	19	90	8	25

3

limfuno zezondlo zezityalo (ikhilogram ngehektare) ngohlobo lomhlabo oluvunduvunu nesanti oqulethe i 15% ukuya kwi 20% yodongwe ukuze kulinywe oojongilanga kwisivuno esahlukileyo socwangcisel.

Izondlo zezityalo	Ngetoni e-1	Ngeetoni ezi-1,5	Ngeetoni ezi-2,
Nitrogen (N)	10 kg	20 kg	60 kg
Phosphorus (P) 15 mg/kg - 20 mg/kg (Bray)	7 kg - 9 kg	10 kg - 12 kg	16 kg - 21 kg
Potassium (K) 60 mg/kg	7 kg	10 kg	18 kg



Ulawulo lubalulekile kwidlelo

ELICHUMILEYO ELINESAKHONO SENZUZO

NJONGO YOKONDLA IINKOMO KUKUFUMANA INZUZO ENOZINZO NEMALI. AMATHOLE OKUZENZELA OKANYE AMATHOLE ATHENGIWEYO ANOKUTYETISWA EDLELWENI ELICHUMILEYO. ABALIMI ABALIMA KANCINANE NABASA-HLUMAYO BANOKUTYEBISA IINKOMO KWINTLANTI OKANYE EZIKAMPINI EZINKULU NGOKUSEBENZISA ISONDLO ESIFUNYE-NWE NGOKURHWEBA OKANYE IZONDLO EZIKHULISWA EKHAYA NJENGOMBONA, IIMBOTI ZESOYA NEFULA.

Nantsi imibandela eqaqambileyo eya kuba nefuthe kwisakhono senzuzo yedlelo elichumileyo:

- ukuthenga ixabiso lamathole alunyulwego okanye ukugcina iinkomo;
- iindleko zesondlo;
- ukuthengisa ixabiso leenkomo ekuggityiwego ngazo; ngokunjalo;
- umgangatho wenkangeleko yeenkomo ophenjelelwu lulafulo.

Itheyibile 1 ibonisa inkubo yeendleko zoshishino. Ulawulo lwedlelo elichumileyo lunefuthe kwisakhono senzuzo nomgangatho wenkangeleko yeenkomo ngokwesiphumo sayo ekusetyenzisweni kwasondlo, ukwanda kobunzima bomzimba nempilo ngokubanzi. Imigqaliselo yeemveliso zedlelo elichumileyo ngokubanzi eya kuba nefuthe kwisakhono senzuzo yedlelo elichumileyo iboniswa **kwiTheyibile 2**.

UQQOSHO OLUSISEKO NGEDLELO ELICHUMILEYO

Isibalo sesakhono senzuzo yomsebenzi oqhutywayo sisekwa kumda wamaxabiso, kumda wesondlo nakwezinye iinkitho. Umda wamaxabiso uquka umahluko phakathi kwexabiso lokuthenga nexabiso lokuthengisa iinkomo ngokonqongophalo lozinzo lwamaxabiso enyama yenkomo, ngokunjalo nokuphucuka komgangatho wesilwanyana esixheliwego ngenxa yokondliwa. Umda wesondlo uchazwa ngokwenzuzo okanye ilahleko eyenziwa lidlelo elichumileyo njengesiphumo senzuzo yokwanda kwesilwaNyana esiphilayo ngokunxulumene neendleko zesondlo esisetyenziswego. Esona sondlo sisemgangathweni ngokwexabiso elilelona lilungileyo, ulawulo olulungileyo, nokusetyenziswia kwezixhaso ezikhuthaza ukukhula sinakho ukuphucula umda wesondlo ngokuphumeza awona maqondo afanelekileyo okukhula. Ezinye iinkitho ziya kuquka iindleko zeziklo lokuxhela kanye neelahleko, uthutho, inzala kwimali yesihini ebolekiwego, iindleko zabasebenzi nezokuqhutywa komsebenzi, iindleko zokuguqu-guqulwa kokutya, inkxaso yempilo neqondo lokufa.

Abalimi bombona nabamathole alunyulwego mabenze isiqqibo ngokuba bangalithengisa na ithole nombona okanye bawondle amathole ngombona. Okuqhelekileyo malunga nesondlo esidngwa lithole edlelweni elichumileyo kuya kuba ngama 73% ombona, i 12% yesintlakantlako, kanye ne 15% yesixhaso esijiyileyo sokutyevisa iinkomo, umzekelo, amafutha enkomo angama 33 avela eMolatek okanye iSB 100 evela eVoermol. Okuqhelekileyo kuka-ithole lobunzima bama-230 eekhilogram elifikelela kuma-460 eekhilogram liya kutya isondlo se-1 380 eekhilogram kwiintsuku ezili-150.

UMZEKELO WESIBALO SOKUBEKA IXABISO

Umlimi onethole elilunyulwego lama-230 eekhilogram ngokwexabiso lama-R38 ngekhilogram, xa kuthelekelelwu ipesenti yomxube wokutya kuma 58%, oko kungathetha ukuba umlimi enyanisweni angathengisa umzimba wesilwanyana ngama-R65,52 ngekhilogram ngelixa ixabiso lendawo yentengiso ngomzimba we-A2/A3 lingama-R50,50 ngekhilogram. Oku kuya kukhokelela kumda wamaxabiso organiki themba.

Umda wesondlo ubalwa njengengeniso evela kubunzima bomzimba obufakelwe ngaphezu kweendleko zofakelo lobunzima bomzimba wesi-

UGq Linde du Toit, umhlohlhi wesigaba esiphezulu: Isebe leNzululwazi ngeziLwanyana neNdalo ePhila eNdle kwiYunivesithi yasePitoli noPietman Botha, ingcali yezolimo. Thumela i-imeyilli apha pietmanbotha@gmail.com



1

Inkubo yeendleko zamadlelo achumileyo.

Umba onefuthe kwiindleko zamadlelo achumileyo	Ipesenti yeendleko ziphelele
lindleko zeenkomu	61%
lindleko zeondlo	28,6%
lindleko zokuqhutywa komsebenzi	8,9%
Uthutho	0,7%
Iqondo lokufa	0,8%

Umthombo weenkukacha: SAFA, 2019

2

Izintlu ngokubanzi zokumiselwa kwemida yamadlelo achumileyo.

Umba	Uluhlu
Ubunzima bomzimba basekuqaleni	220 - 240 kg
Isondlo esingumyinge osetyenziswa kwimihla ngemihla	10 - 12 kg/day
Inzuzo engumyinge yemihla ngemihla (ADG, iikhilogram ngosuku)	1,5 - 2 kg/day
*Ulwalamano lokuguqu-guqula isondlo	5:1 to 6:1
Iintsuku edlelweni elichumileyo	90 - 150 days
Ubunzima bomzimba ekugqaliselwe kubo ekugqibeleni	460 kg
**Ipesenti Umxube wokutya (okungatyebanga)	49%
**Ipesenti yomxube wokutya (okuphileleyo)	56% - 60% (average: 58%)
Iqondo lokufa	<1%

**Ulwalamano lokuguqu-guqulwa kwesondlo sisixa sesondlo (ngeekhilogram) esifuneka kwimveliso ye-1 khilogram yobunzima bempahla ephilayo*

***Ipesenti yomxube wokutya ibhekiselele kubunzima bomzimba wesilwanya esixheliwego*

Iwanyana esixheliwego. Malunga nobunzima basekugqibeleni bama-451 eekhilogram, ubunzima bomzimba obufakelweyo kwiintsuku ezili-130 edlelweni elichumileyo buya kuba li-128,20 leekhilogram. Ngokusebenza ixabiso lomzimba le-A2/A3 elingama-R50,50 ingeniso evela emzimbeni iya kuba ngama-R6 474,10.

lindleko zesondlo zokufumana ubunzima obongezelwego bomzimba zibalwa ngokusebenza ubunzima obongezelwego ngethuba lokukhula, ulwalamanalo lokuguqu-guqula isondlo kanye neendleko zesondlo. Kule meko ingumzekelo iindleko zesondlo ziya kubalwa ngokwama-221 eekhilogram (ubunzima obongezelekileyo) x 6 (FCR ye-6:1) x R3,80 (iindleko



3

Uthelekiso Iwesakhono senzuso yamadlelo achumileyo.

	IMEKO ENGUMZEKELO A Umda osisiseko	IMEKO ENGUMZEKELO B Ukunyuswa kwe- xabiso lamathole alunyulweyo	IMEKO ENGUMZEKELO C Ifuthe leendleko sezondlo ngokomda opheleleyo	IMEKO ENGUMZEKELO D Ifuthe lamaxabiso aphezulu enyama ngokomda opheleleyo
Ubunzima bomzimba basekuqaleni (ikhilogram)	230	230	230	230
Ukwanda kwemihla ngemihla (ikhilogram)	1,7	1,7	1,7	1,7
lintsuku zesondlo	135	135	135	135
Umxube wokutya %	58	58	58	58
Ulwalamano lokuguqu-guqla isondlo (FCR)	6:1	6:1	6:1	6:1
Isondlo esisetyenzisiwego (ikhilogram)	1 380	1 380	1 380	1 380
Ixabiso lesondlo (iiRandi ngetoni)	R3 800	R3 800	R5 000	R3 800
Iqondo lokufa (%)	1	1	1	1
Ubunzima bomzimba basekugqibeleni (ikhilogram)	460	460	460	460
Carcass weight (kg)	267	267	267	267
Ixabiso lobunzima besilwanyana esixheliwego iA2/A3	R48	R48	R48	R55
Ixabiso lethole elilunyulweyo	R25	R38	R25	R25
lindleko zokuguqu-guqla ukutya (iiRandi/ngethole)	R95	R95	R95	R95
lindleko zethole elilunyulweyo	R5 750	R8 740	R5 750	R5 750
lindleko zesondlo (iiRandi/ngethole)	R5 244	R5 244	R6 900	R5 244
Ingeniso (iiRandi/ngethole), iqondo lokufa linganeno nge 1%	R12 678,84	R12 678,84	R12 678,84	R14 538,15
Umda opheleleyo	R1 598,84	-R1 391,16	-R57,16	R3 449,15

zesondlo ngekhilogram) = R5 038,80. Oku kuya kukhokelela kumda wesondlo we-R1435,30.

Umda opheleleyo uwonke unokubalwa ngokusebenzisa ungginehaniso olulandelayo: (umda wexabiso + umda wesondo) x umbandela welahleko ngaphandle kwezinye iindleko ezifana nokudipha nokunikwa komthamo omalunga ne-R100 ngethole. Inani elingena kwelinye (ifefta) lelahleko libalwa ukususela kwipesenti yeqondo lokufa (ukuba iqondo lokufa ngu 1% iifefta zelahleko ziya kuba ngu 0,99).

Kwimeko ekuzekelelwa ngayo ngasentla, umda opheleleyo uwonke uya kuba yilahleko yama- R562,72 ngethole. Ukubala umda emva koku-xhuzulwa kweemali ezithile, ezinye iinkcitho kuquka ingeniso ukususela kwikota yesihlanu (ufelete nolusu) maziqukwe kwisibalo. **Itheyibhile 3** inika imizekelo emine ngokunjalo namaxabiso ahluka-hlukayo ethole, iindleko zesondlo kunya namaxabiso esilwanyana esixheliwego.

Ezi meko ekuzekelelwa ngazo zibonisa ubuntununtunu benzozo yedlelo elichumileyo. Ngokweenkcukacha ezikiwiTheyibhile 3 umda opheleleyo weemeko ezahluka-hlukileyo unokunyuka usehla. Kubalulekile ukungahlawuli kakhulu ngamatole alunyulweyo. Abalimi mabaqnisekise ukuba ixabiso lesondlo alikho phezulu kakhulu. Abalimi mabaggale abathengi ukuze bafumane ixabiso elibhetelo. Oku kuya kuba nefuthe elikhulu kumda opheleleyo.

Oku bangakwenza njengokubhalwe encwadini, kodwa ukuba isondlo sethole asinasakhono sokukhulisa, inzuzo iya kuba phantsi koxinzelelo. Umgangatho wethole ubalulekile kwaye unendima enkulu kwisakhono senzuso yedlelo elichumileyo – iinkomo ezikhula ngokukhawuleza, ezikhula ngendella encomekayo ziya kudinga isondlo esinganeno kwaye ziya kuchitha iintsuku ezithande ukuba mbalwa kwidlelo elichumileyo ukuze kuphunye-zwe ubunzima bomzimba obufuneka ekugqibeleni.

Eminye imithetho encomekayo

- Kufuneka ixabiso lethole elilunyulweyo libe nganeno kuma 65% exabiso lobunzima bomzimba wesilwanyana esixheliwego, ngexabiso lethole: ulwalamano lwxabiso lwenyama yenkomoye <0,55.
- Ukuqoshelisa isakhono senzuso malunga nethole kwidlelo elichumileyo, ikhilogram e-1 yenama exheliwego mayilingane nexabiso lombona elingange-14 kg obona buncinane. Ulwalamano lombona nolwenyama yenkomoye lwe-14:1 nolungaphezulu lunika uncedo.
- Umda wesondlo mawunike ithemba.
- Umda wamaxabiso onika ithemba ufanelekile kodwa awufane ubekho kushishino.
- Iqondo lokufa maligcinwe phantsi kangangoko. <0,8%. ■



ICANDELO 2

Indlela YOKUSEBENZA KWEENTENGISO zombona

E LI NQAKU LELESIBINI KUTHOTHO LWAMACANDELO AMANE NELILINGE LOKUHLOLA IMIBANDELA ESI-SISEKO EZA KUBA NEFUTHE KWINTENGISO YOMBONA. SIZA KUZIQWALASELA IINGUQUKO MALUNGA NAMAXABISO NGENXA YEENGUQUKO KWIMBANDELA ESISISEKO EFANA NEQONDO LOTSHINTSHISELWANO KUNYE NAMAXABISO EHLABATHI.

Ixabiso lombona eMzantsi Afrika likholisa ukuchatshazelwa lixabiso lehlabathi lombona, liqondo lotshintshiselwano, ngamaqondo empahla egcinweyo nabubukhulu obungesosigxina besityalo sombona seli lizwe. Ngenxa yomahluko kwixabiso lombona malunga namaZwe aManyeneyo xa kuthelekiswa nombona welizwe lethu, umahluko wamaxabiso udinga ukuhlenga-hlengiswa ukuze kuthileke imiba yokwahluka-hluka kwemiba efana neqondo lotshintshiselwano kunye neendleko zothutho. Ngoko ke, kuvunyelwe uthelekiso lwamaxabiso. Ixabiso elihlenga-hlengisiweyo libi-

Ikageng Maluleke, Ingcali yezoQoqoshokuLimo, eGrain SA. Thumela i-imayili apha ikageng@grainsa.co.za



zwa ngokuba lixabiso lesalathiso kwaye libalwa ngokwendawo yesalathiso, ndawo leyo eyiRandfontein xa kurhwetywa neSafex.


Amaxabiso eenkozo anyuka esehla phakathi kwamaqondo “aggithiseleyo”, amanqanaba olungelelwaniso okuthenga nokuthengisa ngaphandle. Okuboniswa **kwiSazobe 1** lixabiso lolungelelwaniso lokuthenga ngaphandle, elibonwa njengexabiso lophahla. Oku kwenzenka xa iindleko zokuthenga umbona ngaphandle ziphantsi kuelombona olinywa kweli lizwe, ukuze abasili bathenge umbona wexabiso eliphantsi ngaphaya kwemida

yaseMzantsi Afrika. Ixabiso lolungelelwaniso lokuthengisa ngaphandle, nelibonwa njengexabiso lomgangatho, kuxa iindleko zombona weli lizwe zikwazi ukumelana namanye amazwe ehlabathini. Ngamanye amazwi, abalimi bangawuthengisa umbona ngaphandle kwaseMzantsi Afrika ngexabiso eliphezulu kuelo abasili abazilungiselele ukulihlawula kweli lizwe.

Ukuba iimeko zehlabathi zentengiso nezntengo kunye/okanye kwehla ixabiso lerandi xa kuthelekiswa nedola, ayenyuka amaxabiso olungelelwaniso okuthenga ngaphandle njengoko kubonisiwe kwiqondo lika-A. Inqanaba lenene lexabiso leli lizwe leSafex phakathi kwenqanaba lomgangatho nelophahla liya kuxhomekeka kwintengiso nentengo yeli lizwe ethande ukuba nozinzo kwithuba elifutshane eliphakathi. Ukuba kukho amanqanaba aphezulu empahla egcinwe kweli lizwe, ngoko ke ixabiso leli lizwe liya kuya ngakwixabiso lomgangatho (iqondo lika-B). Isiphumo esisiso sokunyuka kwamaxabiso ehlabathisiya kuba kukunyuka kwexabiso lolungelelwaniso lokuthengisa ngaphandle. Oku kungakhokelela ekunyukeni kwamaxabiso ombona eli lizwe ukuba amanqanaba angoku kunye/okanye acingeleykayo aphantsi.

1

Amaxabiso aseUSA ombona otyheli osiwe eRandfontein.



Umhthombo weenkukacha: Grain SA

Ukufuya iinkuku zenyama kongeza ixabiso kwishishini lakho

ICANDELO 1

UMLIMI OLIMA UBUKHULU BECALA, IZITYALO EZIMNIKA IMALI EYIKHESHI EZIQUKA UMBONA, IIMBOTIYI ZESOYA, OJONGILANGA, AMAZIMBA, AMANDONGOMANE, NENGQOLOWA, ANGANQWENELA UKWAHLUKA-HLUKANISELA KWAMANYE AMASHISHINI. ELINYE LAWU KUKUFUYA IINKUKU ZENYAMA UKUSUSELA KUMANTSHONTSHO ANOSUKU OLUNYE UBUDALA UKUZE KUQALWE ISHISHINI ELITSHA, ELINIKA INYAMA YENKUKU OKANYE ELONGEZA IXABISO LOMBONA WAKHE NEZINYE IINKOZO AZILIMAYO.

Nangonga ishishini leenkuku zenyama liya kongeza ixabiso emboneni wakho kufuneka lisilwe okanye lihlahlwe. limbotyi zesoya okanye umgubo wekeyiki yeoyile wamandongomane kune nayo yonke icalcium, iposphate nevitamin eziungileyo kufuneka zongezwe ukuze kubekho izixa ezichanekileyo zeenkuu zenyama. Kulula ukuthenga isondlo esilungelelanisiwego sorhwebo okanye ukwenza amalungiselelo okusa umbona wakho kumzimveliso wesondlo seenkuku ukuze kurhoxiswe iindleko zezixa ezixutyiweyo.

IINTLOBO ZEMFUYO EZINOKUQWALASELWA

lntlobu zemfuyo ezingundoqo zorhwebo ezifumaneka eMzantsi Afrika ezikhethwe ngokofuzo ukwenzela ukukhula okukhawulezileyo kune noku-guqlwa kjesondlo esilungileyo zezi ntlobu, iRoss, iCob neArbor Acres.

Ukuba unalo ufilelelo kwi-intanethi kukho iincwadi zoqeqesho ngokulima kune nemigangatho yeemveliso ukwenzela ezi ntlobu zemfuyo ezinokuvulwa zishicilelwu ukwenzela ukufumana ulwazi oluthe vetshe. Zijoliswe kumlimi omkhulu onezindlu zanamhla noomatschini kodwa imithethosiseko yokukhutshwa kwemveliso ayiguqukanga nkqu nangesicuku esincinane seenkuku ezineentsuku ezili-100 ubudala.

ABATHENGISI

Fumanisa kumthengisi wakho omkhethayo ngamantshontsho osuku olunye ubudala ukuba bathengisa luphi uhlubo ukuze uzazi iindidi zakhe ukwenzela amaqondo okukhula nokuguqlwa kjesondlo. Ufanele ukugcina iingxelo ezineenkukacha zemveliso yakho ukuze uthelkise iziphumo zakho nezo ndidi, ngaloo ndlela uya kkwazi ukuhlalutya ukuba ingaba amaqela akhulayo eenkuu zenyama ayahlawuleka na phantsi kweemeko ezingqonge wena.

Kukho abasaqalayo abenze impazamo yokuthenga amantshontsho anosuku olunye ubudala ukwenzela ukufumana amaqanda okanye iinkuku 'zomaleko' xa kunjalo umangalise kuku ba kutheni amantshontsho engakhuli ngokukhawuleza obekulindelekile ngenxa yesondlo esithengiwego.

Yenza uphando ngeintanethi malunga nabathengisi abanokuzisa amantshontsho akho kufuphi nefama yakho ngokusebeniza inkubo yesiqhelo enocwangciselo ngokweqondo elifanelekiyelo ngentshontsho ngalinye elithuthwayo. Abalimi banokusa ukususela kumantshontsho anentsuku ezili-100 ubudala ebhokisini okanye ngokwamaqela anokude abe ngaphezu kwama-10 000 kuba kaloku xa uthenga izixa ezikhulu ixabiso liyehla.

Amaxabiso acatshulweyo akholisa ukuba kwibhokisi yobukhulu besiqhelo ethwala amantshontsho ali-100, neneendleko ze-R8,45 (kuquka

URichard McPherson, umbhali kwiPula Imvula. Thumela i-imeyilli apha: richard@agrimetrix.co.za



iVAT) ngentshontsho ngalinye kune nothutho kuze ukusiwa kwavo kubo yi-R75 (kuquka iVAT) ngamantshontsho ali-100 ukuze iindleko ziphelele zibe ngama- R920. lindleko ezingumyinge wokusiwa kwentshontsho ngalinye yi-R9,20. Iqela lama-500 liya kuba ngama-R900 ngamantshontsho ali-100 ngesixa esipheleleyo sama-R4 500 ngeendleko zokusiwa kwavo ze-R9 ngentshontsho.

Qwalasela le sayithi www.alfachicks.co.za ngeenkukacha zabo kune nezindwe zamaxabiso, kodwa yenza uphando ngabanye abathengisi kwindawo yakho phambi kokwenza isiggibo. Kubaluleke kakhulu ukupalisa ngolona didi luphezulu. Amantshontsho eAlfa akwabonisa ukwahluklu koomatshini abafanele abalimi abancinane nabalima kakhulu.

UKUNIKELWA KWEZINDLU

Ukunikelwa kwezindlu kuxhomekeke kumlinganiselo nakububanzi bomsebenzi wocwangciselo Iwakho. Izidingo zamaqela ambalwa amantshontsho ali-100 zahluka ngokubanzi emsebenzini wokubekwa kwamantshontsho ali-1 000 ukuya kwangama-5 000 ngexesha.

ISONDLO

Amantshontsho eenkuu zenyama akhuliswa ngendlela esebeenzisa isondlo kakuhle ukuze isiphumo sibe lulwalamanu loguqulelo lwestondlo oluyi-1,85 kg yesondlo esingumxube ukuya kwi-1 kg yentaka ephilayo efumaneka ekuggibeleni. Izondlo ezisetyenziswayo ziukwa umxube wokupalisa, kulandele isikhulisi ukuze kuqosheliswe ngesabelo sokuggibela.

lingxelo zoMbutho waseMzantsi Afrika weeNkuku (South African Poultry Association - SAPA) zalatha ixabiso elingumyinge wesondlo seenkuku zenyama oyi-R6 ngekhilogram. Ubunzima bomzimba worhwebo wentaka ephilayo bunokuba malunga ne-1,90 kg ukuya kwi-2 kg enoku-xhelwa kwi-1,22 kg yentaka iphelele kwiintsku ezingama-42. Oku kuthetha ukusetyenziswa kjesondlo esingange-3,5 kg ngentaka ngeendleko ezingange-R21. Ixabiso lentaka limalunga ne-1,22 kg kwi-R25 ngekhilogram okanye i-R30,50 kwiqondo lomlimi.

Kwiqondo lokuthengisa le-R55 ngekhilogram intaka ixabisa i-R67 obona buncinane. Yindlela efanelekiyelo ukuthengisa iintaka eziphilayo nge-R65 okanye ungazixhelela ngokwakho. Oku kuya kongeza ixabiso lenene emboneni wakho okanye kudale ishishini elinenzozo.

Nceda khumbula ukuba amantshontsho afanele ukufumana izitofu zezifo eziliqela kune nezondlo zeevithamini kumjikelo olandelwa ngqongqo.

ISIPHELO

Njengoko kubonakala, imida yomlimi orhwebayo mincinane. Kucetyiswa ukuba isondlo seentaka siqvalaselwe ukufikelela kwi-2,5 ngekhilogram yobunzima bentaka ephilayo ukuze zithengiswe mhlawumbi ziphila okanye njengentaka enkulu exheliwego kuxhomekeke kummandla wokuthengisa ekujoliswe kuwo kwindawo yakho. Sekwandise ukuba abathengi bakhethi iintaka ezinkulu kumakhaya amaninzi.



AMAXABISO EMBEWU YEOYILE aghuba ngokunguka

MVELISO YEMBEWU YEOYILE YEHLABATHI NGO-2020/2021 IQIKELELWA NJENGEPHANTSİ KUNALEYO ILINDELEKI-LEYO, NGAKUMBI MALUNGA NEMVELISO YEEMBOTYI ZESOYA KUNYE NAMANDONGOMANE. OKULINDELEKE NGEMVELISO YEEMBOTYI ZESOYA KUCUTHEKILE MALUNGA NAMAZWE AMANYENEYO (US), IARGENTINA NEURUGUAY, KODWA KUKHO UCHATHA KWISITYALO SEEMBOTYI ZESOYA ECHINA.

UMBONO NGEMBEWU YEOYILE YEHLABATHI

Okulindeleke ngemveliso yamandongomane kunciphe ngeetoni ezingama-430 000 kwimveliso yaseUS enciphileyo, ngelixa imveliso yembewu kajongilanga yaseRussia kulindeleke ukuba yande.

Ukuthengiswa ngaphandle kwembewu yeoyile ehlabathini kulindeleke ukuba ziitonu ezimalunga nezigidi ezili-193, emva kokunyuka okuphantse kwaba ziitonu ezisisigidi esi-1 kweembotyi zesoya zaseUS nembewu kajongilanga yaseRussia ethengiswa ngaphandle. Ukutyunuzwa kwembewu yeoyile nako kulindeleke ukuba kube phezulu ngokunyuka okungephi kokyunuzwa kwembewu yeembotyi zesoya noojongilanga. Impahla egciniwego yasekuggibeleni yembewu yeoyile iphantsi, ngenxa yempahla egciniwego ephantsi yeembotyi zesoya eUS naseArgentina.

Amaxabiso eembotyi zesoya ezithengiswa ngaphandle malunga neUS kune neArgentina aye omelela kwisihlandlo senyanga yesixhenxe ebezi-landelelana ngoJanyuwari, aze afikelela kwawona manqanaba aphezulu ukususela kuJulayi ngo-2014. Amaxabiso eembotyi zesoya aseBrazil nawo alandele ekhondweni ukususela kuNovemba ngo-2020. Amaxabiso ebesseloko enyuka ngenxa yemfuno ephezulu yentengo, impahla egciniwego ephantsi ukususela ngo-2019/2020, kune nembalela kwiMelika eseMzantsi.

Amaxabiso omgubo wesoya nawo aqhube ngokomelela kuye wonke uDisemba ka-2020 kubonakala ukunyuka kusehla amaxabiso eembotyi zesoya. Ukunyuka kwamaxabiso yeoyile kuqhumble kuDisemba ngenxa yemfuno yentengo yeeoyile ebisoloko ikhona naxa bekukho imivalelandlwini nokutyunuzwa kweembotyi zesoya obekwehlile kwiMelika eseMzantsi.

**Ikageng Maluleke, Ingcali
yezoQoqosho kuLimo, eGrain SA. Thumela
i-imeyili apha ikageng@grainsa.co.za**



Amaxabiso yeoyile yesoya aseArgentine adlule awaseUS nawaseBrazil, ubukhulu becala ngenxa yamathuba amade oqhankqalazo, akhokelele ekuphungulweni okukhulukazi kwexabiso leoyile yesoya yaseUS xa kutheleki-swa nawaseArgentina ukususela kuJuni ngo-2015.

UMBONO NGEMBEWU YEOYILE YELI LIZWE

Ngenxa yamaxabiso ehlabathi anyukayo embewu yeoyile kwiinyanga ezimbawwa ezidlulileyo, imbewu yeoyile eMzantsi Afrika nayo ifumene inkxaso, ngenxa yamaxabiso asoloko ephezulu ukususela ngo-2016. Oku kwenzeka naxa intengiso iqhuba kakuhle malunga nojongilanga neembotyi zesoya. phakathi kukajanyuwari ngo-2020 noJanyuwari ngo-2021, amaxabiso kajongilanga anyuke ngama 62% kanti amaxabiso eembotyi zesoya ngama 53%. NgokweKomiti yeeNgqikelelo zeziTyalo (Crop Estimates Committee - CEC), ingqikelelo yasekuqaleni yendawo yembewu kajongilanga ngo-2021 zihektare ezingama-473 300, le ndawo inganeno nge 5,4% kunehektare ezingama-500 300 ebezilinywe kwixehsha lokulima elingaphambili, oku kunganceda ngokuqhuba ngokunika amaxabiso inkxaso. Kuqikelewa ukuba iihektare ezingama-806 000 zilinywe iimbotyi zesoya, oko kuthetha ukuba inyuke nge 14,33% xa kuthelekiswa neehktare ezingama 705 000 ezilinywe kwixehsha lokulima elidlulileyo. Oku kuyenza ukuba ibe yeyona ndawo inkulu elinywe iimbotyi zesoya kwimbali yaseMzantsi Afrika. Enyanisweni, oku kungakhokelela ekwehleni kwamaxabiso, nangona kunjalo kulindeleke ukuba amaxabiso ehlabathi aya kunika inkxaso kwithuba elifutshane ukuya kweliphakathi, ngenxa yemeko yehlabathi yentengiso.

HELPING FARMERS STAND AS TALL AND PROUD AS THEIR CROPS



PANNAR®
*Together we farm
for the future™*

CORTEVA™
agriculture

TM © Trademarks of Corteva Agriscience and its affiliated companies.
© 2021 Corteva. 2021/CORP/PI/007DEV

Inkqubo egugula ubomi babantu



Farmer
Development
Programme
Ingxelo

Makhe siqwalasele imisebenzi yengingqi yaseLichtenburg (eMntla Ntshona)



UMnu R. Pholo lilungu eselinethuba elide laseGrain SA futhi ukwangummeli wabalimi kwiKomiti yesiGqeba esilawulayo saseGrain SA. Uqhuba ifama kufuphi neMooifontein eMntla Ntshona kwaye ucetyiswa lilungu legela leGrain SA elihlala eLichtenburg, uDu Toit van der Westhuizen. Apha baxakeke kukufaka imilinganiso yesixhobo sokutyala ukuze silungele umsebenzi wokutyala.



Le ntsimi ingumzekelo omhle wemihlaba elungiswe kakuhle. Umbona sowuhlwayelwe emasimini kaMnu Pholo.



UOrgan Serema ngusihlalo weQela loFundonzulu laseltsoseng. Apha uxakeke ngokusebenza ngembewu.



Uyaqala ke uOrgan ukulima isoya ngoncedo IweSACTA kwaye kukhangeleka ngathi iziphumo ziza kuba zihle!

UKUBALULEKA kobambiswano

SEKUKUDALA iqumrhu lembewu, iPioneer, lizinikele kupuhliso lwabalimi kanti kwiminyaka edlu-lileyo libambisene neGrain SA kwiqela leeprojekthi ezahluka-hlkileyo. Enye yeendleta elinike ngayo inkxaso kubalimi kwixesha lokulima ngo-2020/ 2021 ibe kukunikelwa kwembewu kajongilanga kubalimi abaphuhlayo. Oku kubulelwa ngokungazenzisiyo ngabo bonke abayifumeneyo.



Umlimi uSalphanius Motswenyane lilungu eselinethuba elide lenkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso lwabalimi futhi ukwalilungu leQela loFundonzulu lasePutfontein. Imisebenzi yakhe yokufama iyinxalenye yoluhi lomLim onesakhono soRhwebo. USalphanius ebengumamkeli weengxowa ezilishumi zembewu kajongilanga ezivela ePioneer.



Elinye lingu leQela loFundonzulu lasePutfontein, ngumlimi uMothibedi Monkwe, ofumene ubonelelo Iwembewu kajongilanga ePioneer.

PULA IMVULA

Iqela labahleli

GRAIN SA: PRETORIA

PO Box 74087
Lynnwood Ridge
0040

■ 08600 47246
■ www.grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel

■ 084 264 1422 ■ e-Ofisini: 012 943 8285
liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS

*Johan Smit ■ Louise Kunz ■ Elizma Myburgh
■ Joritha Hechter
■ 018 468 2716 ■ johan@infoworks.biz*



INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimis

ABAQUQUELELI BOPHULISO

Johan Kriel

Free State (Ladybrand)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)
■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8285 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Cwayita Mpotyi

Mthatha
■ 078 187 2752 ■ umthatha@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:


isiXhosa, IsiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

Amaxabiso embewu yeoyile...

1


Amaxabiso ehlabathi okuthengisa iimbotyi zesoya ngaphandle.



Umthombo weenkukacha: USDA

2

Amaxabiso ehlabathi omgubo weembotyi zesoya.



Umthombo weenkukacha: USDA

3

Amaxabiso eSafex embewu yeoyile.

